Tshiamiso TRUST

INKQUBO YAMABANGO ENAMANQANABA ASI-8

ITshiamiso Trasti yasungulwa ukuze ihlawule iinzuzo kubo bonke abasebenzi basemgodini bangokunje kwanabo babefudula besebenza khona kuyo nayiphi na imigodi yegolide efanelekileyo engama-82 phakathi komhla we-12 Matshi 1965 kunye nomhla we-10 Disemba 2019, nabathi bafumana isifo sethayisisi okanye isifo sephepha (i-TB) ngenxa yemisebenzi yabo.

Le yinkqubo ebonisa inyathelo nenyathelo ngendlela yokufaka ibango lenzuzo. Ibango ngalinye lisenokuthatha ukuya kutsho kwiintsuku ezili-180 ukuze liqosheliswe ukusuka ngomhla wokufakwa kwalo.

Inqanaba 1

JONGA IINKCUKACHA ZAKHO

- Jonga ukuba ingaba unganebango elifanelekileyo kusini na:
  - https://www.tshiamisotrust.com/status-check/
  - tsalela umnxeba kwiziko leminxeba: 0801 000 240
- Ukuba ngaba kungenzeka ukuba ubenebango elifanelekileyo uya kukhokhelelwa kwinqanaba elilandelayo.

Itrasti iya kumisela amanyathelo okuqinisekisa izazisi zabafaki bamabango ukuthintela ubuqhopholololo.

OKUBALULEKILEYO:
Ukuba kuyenzeka, zama ukuqinisekisa ukuba ukujonga iinkcukacha ukwenza ngokwakho endaweni yokucela omnye umntu ukuba akujongele.

Inqanaba 2

HLELA IDINGA

- Ukuhlela idinga lakho yiya kwi-ofisi yokufaka amabango yaseTshiamiso ekufutshane nawe utsalele umnxeba kwiziko leminxeba. Ii-ofisi zakwaTEBA ezingama-56 kumazwe amahlanu ziya kumiselwa ukuze zincede ngokufakwa kwamabango kwiTrasti.
- Iinombolo zeziko leminxeba:
  - Mzantsi Afrika – 0801 000 240
  - Ngaphandle koMzantsi Afrika: 00 27 10 500 6186 (Nceda uqaphele: xa u tsalela le nombolo umnxeba izakuvakala ngathi eli nani lixakekile. Umnxeba uya kuthi uyeke kwaye uyakufumana umnxeba emva kwemizuzwana embalwa elandelayo kwaye umnxeba uya kuqhagamshelwa kwiziko lonxibelelwano wakuphendula.)

OKUBALULEKILEYO:
Ngenxa yemingcipheko enxulumene ne-COVID-19 nceda ungayi kwi-ofisi yakwaTEBA xa ungakhange ulenze idinga ngokutsalela umnxeba kwiziko leminxeba. Ukwenza amadinga kusinceda ukuba siqinisekise ukuba bakhona abasebenzi abakhoyo.

Inqanaba 3

KUZA KUFUNEKA UKUBA UPHATHE NTONI XA USIZA KWIDINGA LAKHO

- Incwadi yesazisi okanye yepaspoti efanelekileyo yelizwe lakho
- Iirekhodi zokusebenza ezivela kwimigodi owasebenza kuyo
- Naziphi na iirekhodi ezikhoyo zonyango

Ukuba ngaba ungumntu oxhomekeke ngokwenkxaso yemali kumsebenzi wasemgodini osele wasweleka kuza kudingeka:

- Incwadi yakho yesazisi okanye yepaspoti efanelekileyo yelizwe lakho
- Incwadi yomsebenzi wasemgodini osele wasweleka yesazisi okanye yepaspoti efanelekileyo yelizwe lakho
- Iirekhodi zokusebenza ezivela kwimigodi owasebenza kuyo umsebenzi wasemgodini osele wasweleka
- Isetifikethi sokusweleka somsebenzi wasemgodini osele wasweleka, kunye nengxelo yotyando lwesidumbu, ukuba ikhona
- Naziphi na iirekhodi ezikhoyo zonyango zomsebenzi wasemgodini osele wasweleka

Qinisekisa ukuba uza nawo onke amaxwebhu ukuthintela ukuba kufuneke ukuba uphinde wenze elinye idinga lokubuya uze nalo maxwebhu ungawaphethanga.

Itrasti iya kumisela amanyathelo okuqinisekisa izazisi zabafaki bamabango ukuthintela ubuqhopholololo.

OKUBALULEKILEYO:
Ukuba awunawo amanye amaxwebhu akhankanywe apha ngasentla i-Tshiamiso iya kwenza konke okusemandleni ayo ukunceda ukuwafumana.

Inqanaba 4

UHLOLO LWEZEMPILO UKWENZELA IINZUZO

Ukuba kuyadingeka, iTrasti iya kukunceda ukwenza idinga lokuya kuhlolo lwezempilo.

Itrasti iya kumisela amanyathelo okuqinisekisa izazisi zabafaki bamabango ukuthintela ubuqhopholololo.

OKUBALULEKILEYO:
Itrasti iya kukuxelela ukuba uye kweyiphi na iklinikhi yezempilo kwidinga lakho. Nceda ube nomonde. Kusenokubakho ixesha oza kulilinda ngenxa yokungabikho kwezibonelelo zezempilo ezaneleyo.

Inqanaba 5

UKUQWALASELWA KWAMAXWEBHU YIPHANELI YOQINISEKISO LWEZONYANGO YETSHIAMISO

Onke amaxwebhu akho ezonyango aya kuqwalaselwa yiPhaneli yoQinisekiso lwezoNyango yeTshiamiso. Iya kukunika iSetifikethi Sokufunyanisiweyo ngezoNyango. Ukuba ngaba yonke into ilungile ibango lakho liya kudlulela kwinqanaba lesi-6 (oku kungathatha ukuya kutsho kwiintsuku ezingama-30).

- Isigqibo sephaneli sinokudluliselwa ukuze siqwalaselwe zingekapheli iintsuku ezingama-30.

OKUBALULEKILEYO:
Ukuba ngaba kufunyaniswe ukuba awunaso isifo esifanele ukufumana imbuyekezo, awusayi kufaneleka ukuba ufumane imbuyekezo kwiTshiamiso Trasti.

Inqanaba 6

UKUQWALASELWA YIKOMITI YOQINISEKISO YETRASTI

Ukuba ngaba ufumaniseke ngoxilongo unesifo esifanele ukufumana imbuyekezo ngaphantsi kweNqanaba 5, amaxwebhu akho onke aya kuqwalaselwa yiKomiti yoQinisekiso yeTrasti.

Iya kuthatha isigqibo sokuba iliqinisekise na ibango. Isigqibo sokungaqinisekiswa kwebango sinokudluliselwa ukuze siqwalaselwe zingekapheli iintsuku ezingama-30.

OKUBALULEKILEYO:
Ukuba liqinisekisiwe ibango, ikomiti iya kukhupha iSetifikethi sokugqibela emva kokuba kugqitywe iNqanaba 7.

Inqanaba 7

UQWALASELO YI-ARHENTE EMELE IINKAMPANI EZISEKE ITRASTI

Ukuba ngaba iKomiti yoQinisekiso yeTrasti iliqinisekisile ibango kuqwalaselo lwayo, i-arhente emele iinkampani eziseke itrasti kufuneka iqinisekise ukuba ulwazi lwenkonzo olunikeziweyo luphelele.

OKUBALULEKILEYO:
Nje ukuba eli nyathelo ligqitywe apho ikomiti yokuqinisekisa iya kukhupha isatifikethi sokugqibela.

Inqanaba 8

UKWAMKELWA NENTLAWULO

Nanjengoko eqwalaselwe aze amkelwa onke amaxwebhu ke ngoku, iTrasti iya kuqinisekisa iinkcukacha zakho zebhanki ize yenze intlawulo kwi-akhawunti yakho yasebhankini.

OKUBALULEKILEYO:
Itrasti kananjalo iya kukunika iingcebiso ngezezimali.

Akekho omnye umntu, ingakumbi abo bakucela ukuba ubahlawule ukuze bakuncede, oya kukwazi ukukwenzela ukuba ikhawuleze le nkqubo.

Musa ukunika nabani na amaxwebhu akho angawona angundoqo kunye nolwazi. Wagcine ngokukhuselekileyo wona.